CAMPAIGN FOR SAFE COMMUNITIES

SAFE KHAYELITSHA,
SAFE SOUTH AFRICA!

SUPPORT THE COMMISSION OF INQUIRY INTO KHAYELITSHA POLICING!

Wonke umntu unelungelo lokuphila, isidima nokukhululeka kuzo zonke iintlobo zobundlobongela. Noko ke, ulwaphulo-mthetho okanye isoyikiso solwaphulo-mthetho siyabulawula ubomi bethu. Ukuze silwisane nalo, sicela wonke umntu kunye neentlangano ukuba zizimanye nathi “kwiPhulo loLuntu oluKhuselekileyo”. Eli asilophulo nje lokulungisa isipolisa esonakeleyo kodwa lelokuqinisekisa ukuba kuphuhliswa uluntu lwethu.

Amapolisa wona anomsebenzi wokukhusela, ukulwa nokuphanda ulwaphulo-mthetho. IiNkonzo zamaPolisa eloMzantsi Afrika zifanele zikhusele ubomi nempahla yabo bonke abantu beli loMzantsi Afrika. Abatshutshisi, oomantyi kunye neejaji zifanele ziqinisekise ukuba ubulungisa buphunyezwa ngaphandle koloyiko okanye ngaphandle kokukheth' ubuso. Into efika ibe lusizi yeyokuba, xa sithetha ngolwaphulo-mthetho, ubukhulu becala le nto ayinjalo.

Kuzo zonke iindawo zeli lethu abantu baziva bengakhuselekanga ngokwenene ngenxa yolwaphulo-mthetho. Akukho dolophu, ilokishi, ilali, ifama, okanye isixeko apho abantu beziva bekhuselekile. Ngoko kutheni ke le nto sijolise ingqalelo yethu eKhayelitsha? Sinesizathu ezimbini zokwenjenjalo: iintlangano zethu ubukhulu becala zisebenza eKhayelitsha kwaye ubungqina balatha ukuba lo mmandla unawona maqondo aphakamileyo olwaphulo-mthetho olumanyumnyezi kweli lethu yaye lusaqhubeka lusiba njalo.

Icandelo lezobuNtloli boLwaphulo-Mthetho leeNkonzo zamaPolisa eloMzantsi Afrika lithi ulwaphulo-mthetho eKhayelitsha namhlanje luyafana okanye lude luthi chatha kunangowe-1999. Ezi zenzo zolwaphulo-mthetho ziquka ukubulala, ukudlwengula, uphango olunobundlobongela kunye nokubetha. Kwinkoliso yezinye iindawo zeli inani labantu ababulawayo nezinye izenzo zolwaphulo-mthetho olunobundlobongela liye lehla, kodwa eKhayelitsha, liye laqatsela.

Yonke imihla ubuncinane kubulawa umntu omnye eKhayelitsha. Amantombazana kunye namakhosikazi aphila ubomi bentshontsho ngenxa yokuba ubuncinane kubikwa ukudlwengulwa kwabantu ababini yonke imihla. Inkoliso yabantu abadlwengulwayo ngamantombazana aneminyaka engaphantsi kweli-18. Uninzi lwabanye abantu luyahlatywa, luyadutyulwa, luyaphangwa okanye luyabethwa yonke le mihla. Akukho kwandawo engathi ikhuselekile. Emakhaya, kwizindlu zangasese zikawonke-wonke, ezicaweni, ezitalatweni, ezikolweni, kumaziko ezempilo, ezivenkileni nakwindawo zezithuthi kulapho igcuntswana lezaphuli-mthetho ligrogrisa khona isininzi sabantu baseKhayelitsha.

Kanti ke kutshanje siye sazibonela ngamehlo idabi elibi ebeliphakathi kwamaqela emigewu labantwana besikolo, nelithe lathumela ulutsha oluninzi kwantsongwa-nyawana.

Uninzi lwezi zaphuli-mthetho aluzange lukhe lubanjwe okanye luvalelwe. Xa abantu bebanjwa, ligcuntswana nje kuphela eliye libekwe amatyala ngokusemthethweni. Uninzi lwabo lubekwa amatyala aluzange lukhe luvalelwe. Ukanti abanye basenokuchitha iminyaka ngaphaya kwezitshixo ngaphandle kokunikwa ibheyile. Le nto ke injalo naphi na kodwa iKhayelitsha ibaleka phambili ngolwaphulo-mthetho yaye akukho nto ingako nakuphuhliso okanye alukho kwa-ukubakho. Abantu abasawathembi amapolisa neenkundla ngenxa yokusilela kwenkqubo yezobulungisa elwa ulwaphulo-mthetho. Abanye abathe baphelelwa lithemba nabaxhwalekileyo eKhayelitsha baye babhenela ekuwuthatheleni ezandleni zabo umthetho. Ngenxa yoko, abo barhaneleka kulwaphulo-mthetho okanye izaphuli-mthetho ezaziwayo ziye zabulawa okanye zabethwa ngamahlokondiba abantu abafuna ubulungisa. Ikho kanti enye indlela. Onke amacandelo karhulumente nawoluntu afanele asebenze kunye.

Ukususela ngoDisemba 2003, besisiwa sivuka sifuna ubulungisa kumatyala ooLorna Mlofana (owadlwengulwayo waza wabulawa), uNandipha Makeke (owadlwengulwayo waza wabulawa), uZoliswa Nkonyana (owabulawayo) kwanabanye abaninzi. Kangangeminyaka eli-10 besipiketha, siqhuba imingcelele, iintlanganiso zocweyo, iintlanganiso neminye imicimbi ngelizama ukulwa noku kungabikho kobulungisa.

Ekugqibeleni, ebudeni bowama-2010, i-Social Justice Coalition (SJC), i-Treatment Action Campaign (TAC), i-Equal Education (EE), i-Triangle Project nezinye iintlangano ziye zafuna iKomishoni yoPhando malunga nenkqubo yezobulungisa elwa ulwaphulo-mthetho eKhayelitsha. Urhulumente wephondo okanye okazwelonke akakhange asihoye nokusihoya oku kokuqala. Ngo-Oktobha 2011, salenza lacaca elokuba ukuba urhulumente wephondo akaphandi aze amisele iKomishoni yoPhando, siza kuhlangana enkundleni. Ngo-Agasti 2012, emveni kokuba amapolisa ethe asilela ukusabela kwisikhalazo sethu seenyanga ezisi-8, iNkulumbuso uHelen Zille wamisela iKomishoni yoPhando. ngoNovemba 2012, uMphathiswa wamaPolisa waya enkundleni esiya kuthintela le Komishoni.

Sicela ukuba usukume ume ngeenyawo ukhusele iKomishoni yoPhando ezimeleyo nengakheth' ubuso kwiiNkonzo zamaPolisa eloMzantsi Afrika eKhayelitsha. Le Komishoni ikhokelwa nguJaji uKate O'Regan (ijaji edla umhlala-phantsi yeNkundla yoMgaqo-siseko) kunye noMmeli uVusi Pikoli (owayefudula eyintloko yeGunya-bantu lezoTshutshiso likaZwelonke).

Ngomhla we-13 kuDisemba 2012 iNkundla ePhakamileyo yeKapa iza kuphulaphula isicelo seeNkonzo zamaPolisa eloMzantsi Afrika sokuthintela le Komishoni. Sinethemba lokuba iNkundla iza kusikhaba eso sicelo ize ivumele iKomishoni iqhubeke isenza umsebenzi wayo obaluleke kunene.

Sifuna uMphathiswa uMthethwa, uMphathiswa uRadebe, iNkulumbuso uZille, uSodolophu uDe Lille nezinye ii-arhente basebenze kunye neKomishoni ka-O'Regan/Pikoli kunye neentlangano zethu ekwakheni iKhayelitsha ekhuselekileyo noMzantsi Afrika okhuselekileyo.

Amalungelo ethu omgaqo-siseko okulingana, isidima, ubomi, inkululeko nokhuseleko kunye namalungelo abantu abatyholwayo anyathelelwa phantsi. Yonke le mihla xa le Komishoni ibanjezelwa, abantu bathe gqolo ukuphathelw' imbengwane zizaphuli-mthetho kunye nenkqubo yezobulungisa elwa ulwaphulo-mthetho.

PROTEST OUTSIDE THE CAPE HIGH COURT

13 DECEMBER 10:00

SOCIAL JUSTICE COALITION | **TREATMENT ACTION CAMPAIGN** | **TRIANGLE PROJECT** | **EQUAL EDUCATION** | **NDIFUNA UKWAZI**

FOR TRANSPORT FROM KHAYELITSHA CONTACT **WELCOME MAKELE** ON **074 852 1118**.
FOR GENERAL ENQUIRIES CONTACT **JOEL BREGMAN** ON **072 769 0100**.

sjc.org.za/safety